VAKALISA ULUVO LWAKHO!

# ISICWANGCISOBUCHULE ESILUYILO ESINGOLAWULO LWEZIBONELELO ZOKULILIFA LEMVELI KWISIXEKO SASEKAPA

ISixeko saseKapa (iSixeko) siphakamisa isiCwangcisobuchule esitsha esingoLawulo lweZibonelelo zokuLilifa leMveli ukukhokela ulawulo nokulondolozwa kwezibonelelo zelifa lemveli kwinqanaba likamasipala, ngokoMthetho ongeZibonelelo zokuLilifa leMveli weSizwe (uMthetho 25 ka1999).

**Esi sicwangcisobuchule esiluyilo sijoliswe ekuqiniseni ulawulo lokulilifa lemveli phakathi kwisixeko ngokuthi:**

- Kuhlanganiswe ulawulo lwelifa lemveli kwiinkqubo zocwangciso zikamasipala.
- Kumiselwe amanqanaba afanelekileyo okhuseleko lwezibonelelo zelifa lemveli ezifanelekileyo.
- Kuncitshiswe imisebenzi yokungasebenzi kakuhle kolawulo nokuphindaphinda okungeyomfuneko phakathi kweenkqubo zokuphumeza okulilifa lemveli.
- Kuxhaswe indima yelifa lemveli kuhlumo loqoqosho, inzuzo yoluntu kunye nokuzinza kokusingqongileyo.

Esi sicwangcisobuchule esiluyilo sithathela ingqalelo into yokuba ilifa alikho malunga nexesha elidlulileyo nje kuphela, kodwa likwamalunga nendlela elikhula ngayo iKapa, liphuhla kwaye ligcine ubuni balo obukhethekileyo ngokuhamba kwexesha.

IsiCwangcisobuchule esiluyilo sihambelana nomthetho wesizwe nowephondo ofanelekileyo kwaye sixhasa ucwangciso olubanzi nophuhliso lweenjongo zeSixeko.

Kukhutshwe isaziso ngokuhambelana necandelo 17 loMthetho wobuRhulumente boMmandla ongeeNkqubo zikaMasipala, uMthetho 32 ka2000, uluntu kunye namaqela anomdla banikwa ithuba lokungenisa kumasipala izimvo ukususela ngowe17 kweyeThupha (Agasti) 2026 ukuya ngowe 17 kweyoMsintsi (Septemba) 2026.

**Izimvo, izilungiso nezindululo ngokujoliswe koku kungentla zingangangeniswa ngenye yezi ndlela zilandelayo:**

- Ngeimeyile: Heritage@capetown.gov.za
- Ngeintanethi: www.capetown.gov.za/haveyoursay okanye www.capetown.gov.za/collaborate
- Izimvo ezibhaliweyo: Kwiiofisi zamaBhngana kunye nakumathala eencwatdi eSixeko

https://tinyurl.com/HSPP2026

Skena iQR khowudi ukuze uzibandakanye neseshoni engengcaciso kwi-intanethi ngoLwesine, ngowama27 kweyeThumapha (Agasti) 2026 nge18:30 ukuya nge20:30

IYunithi yeSixeko ejongene neNtathonxaxheba yoLuntu iza kuncedisa abantu abakhubazekileyo abangakwaziyo ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba izimvo zabo zibhalwe kwaye zingeniswe kwiSixeko.

Ukuba unemibuzo ngendlela yokungenisa izimvo qhagamshelana noAnthea Bendie kwiYunithi yeNtathonxaxheba yoLuntu ku 021 400 1450 okanye Anthea.Bendie@capetown.gov.za.

**Imibuzo ephathelene nesiCwangcisobuchule esiluyilo esingoLawulo lweziBonelelo zokuLilifa leMveli ingabhekiswa ngqo ku Heritage@capetown.gov.za.**

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
CTA151/2026

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.